This page left intentionally blank



## Amanqaku okusebenzisa le ncwadi:

- Gxila kumagama asetyenzisiweyo kwiphepha ngalinye.
- Ncokola ngamanani athi xa edibene akhe ishumi.
- Emva kokufunda ibali, ncokola ngokuthe kwenzeka ebalini.
- Cela abantwana baphinde babalise ibali.
- Cela abantwana benze ngathi bafunda ibali.



Visit www.ru.ac.za/sanc for more early numeracy activities

Isigama esingundoqo

ziyalingana

lithoba

thandathu

bini

lishumi

azikho

hlanu

nye

thathu

sibhozo

zimbalwa

sixhenxe

zidibene

zininzi

ne

ziyalingana

Cela abantwana bakhangele:

- Amagama amanani ukusuka kuziro ukuya kwishumi
- Amagama athelekisayo: zininzi, zimbalwa, ziyalingana, zidibene and ziyalingana.



# Ugogo nomlilo: Incwadi yamanani yokuqala



SA NUMERACY CHAIR PROJECT

www.ru.ac.za/sanc

Amamgama ngu: Mellony Graven
Imizobo ngu: Carmen Ford
Udweliso ngu: Roxanne Long & Debbie Stott
Itolikwe ngu: Tabisa Booi

v.2022

Creative Commons License 2022


UGogo uthi:

Kufuneka sibase umlilo.

Ndizakufuna iinkuni zibelishumi.


UBusi uthanda iinkuni ezimdaka.

UThabo uthanda iinkuni eziluhlaza.





Zilithoba iinkuni ezisemlilweni



Zingaphi iinkuni ezishiyekileyo?

Akukho nkuni zishiyekileyo




Zingaphi iinkuni ezisemlilweni?

Nantsi imililo emine


Ngowuphi umlilo obaswe nguGogo?

Zisibhozo iinkuni ezisemlilweni



Zingaphi ezishiyekileyo?

Zintathu ezishiyekileyo



Zingaphi ezisemlilweni?




UBusi athi:

Ndingathwala ukhuni lubelunye.

UThabo athi:

Kodwa kufuneka iinkuni ezilishumi.



Lebhokisi inemibuzo ecingisayo, eningancokola ngayo.



UGogo wathi:

Ndiyabulela ngeenkuni.

Masibaseni.




UThabo athi:

Unokhuni olunye.

Kodwa mna ndingawaphatha angaphezulu.

Wena unolunye, mna ndinezine.



Cinga zenincokole malunga:

Zingaphi iinkuni eziphethwe nguBusi noThabo xa zidityanisiwe?

Zingaphi ezisafunekayo ukuze zibelishumi?



UThabo wanika uBusi ukhuni olunye,
ze washiyekelwa zezintandathu.

Uthabo waphinda wamnika enye,

waze washiyekelwa zezintlanu.

UBusi wathi:

Yeke! Sobabini sinezintlanu.

Inani leenkuni zethu liyalingana.



Cinga zenincokole malunga:
Ebefuna iinkuni ezingaphi uGogo?
Angabasa na ngoku uGogo? Cacisa.



UBusi athi:

Wena uneenkuni ezine.

Ndichole ezinye ezine.

Ngoku zongezekile.





Cinga zenincokole malunga:

Ngubani oneenkuni ezininzi?

Zingaphi xa zidityanisiwe zonke?

Zingaphi ezisafunekayo ukuze zibelishumi?


UThabo wathi:

Ndiyazithatha iinkuni zakho.

Ngoku ndithwele iinkuni ezisixhenxe.

UBusi wathi:

Ndicela ubuyise iinkuni zam!





Cinga zenincokole malunga:

Ngubani oneenkuni ezimbalwa?

Kufuneka uBusi afumane iinkuni ezingaphi ukuze ezakhe zilingane nezikaThabo?



UThabo wathi:


Wena uneenkuni ezintlanu.

Ndichole yanye.

Ngoku kulomdlalo,

ziyalingana iinkuni zethu.






Cinga zenincokole malunga:
Zingaphi iinkuni abanazo bobabini xa zidityanisiwe?
Ingaba zonele? Cacisa.

Yoh!

UBusi wathi.

Kuwe iinkuni ezimbini zam.

Ngoku ndithwele ezintathu qha.



Cinga zenincokole malunga:

Ngubani ngoku oneenkuni ezininzi?

Zizakubangaphi iinkuni zikaThabo ukuba uzichole ezizimbini?



UThabo wathi:

Kodwa ndingabaleka ndithwele iinkuni ezintlanu.

Khawuzame nawe!

Watsho.



Cinga zenincokole malunga:
Inokuba kuzokwenzeka ntoni emva koku?

